Source: www.schoolhive.co.za

Confidential

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

MEYI/JUNI 2024

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha angama-28.

Source: www.schoolhive.co.za

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha *Tyhila iphepha*

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A:	ISihobe	(30)
ICANDELO B:	INoveli/Uncwadi Lwemveli	(25)
ICANDELO C:	IDrama	(25)

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Source: www.schoolhive.co.za

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

ICANDELO A: ISIHOBE **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**			
INANI LOMBUZO	**UMBUZO**	**AMANQAKU**	**INOMBOLO YEPHEPHA**
1. 'Amanqaku'	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	6
2. 'Usana'	Umbuzo omfutshane	10	7
3. 'IsiQithi seeNtini'	Umbuzo omfutshane	10	8
4. 'Imfecane'	Umbuzo omfutshane	10	9
KUNYE **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**			
5. 'Thanda uhlanga'	Umbuzo omfutshane	10	10
QAPHELA: Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.			
ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI **Phendula umbuzo OMNYE.**			
6. *Inkawu idliw' ilila*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	12
7. *Inkawu idliw' ilila*	Umbuzo omfutshane	25	12
8. *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	15
9. *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo omfutshane	25	15
10. *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	18
11. *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo omfutshane	25	18
OKANYE			
12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	20
13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli*	Umbuzo omfutshane	25	20
ICANDELO C: IDRAMA **Phendula umbuzo OMNYE.**			
14. *Buzani Kubawo*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	23
15. *Buzani Kubawo*	Umbuzo omfutshane	25	23
16. *Indlal' Inamanyala*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	26
17. *Indlal' Inamanyala*	Umbuzo omfutshane	25	26

QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

ICANDELO	**AMANANI EMIBUZO**	**INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO**	**TIKISHA NGASEZANTSI (✓)**
A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
KUNYE			
A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga)	5	1	
B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	6–13	1	
C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	14–17	1	
QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.			

Source: www.schoolhive.co.za

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

AMANQAKU – ZS Qangule

1 Ulwazi lufukame ubudenge,
2 Ubudenge yitrone yobulumko.
3 Iinyembezi ngumthombo wenkathalo,
4 Inkathalo ihlanjwa ziinyembezi.
5 Intiyo iphuphuma luthando,
6 Uthando liyeza lentiyo.
7 Ukhula lutshaba lwesivuno,
8 Isivuno sondliwa lukhula.
9 Ukholo lulwandle lweenkolo,
10 Iinkolo sisifingo seentolo.
11 Impilo yambethe ukufa,
12 Ukufa yileli yobomi.
13 Ukuba oku uyakwamkela,
14 Ilizwe ngoko lokwamkela

Izinto ocinga ukuba zizisa ubuhlungu zezona zikusa empumelelweni wakuluphengulula uncedo lwazo. Ngqina olu luvo njengomxholo walo mbongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

USANA – ZS Qangule

1 Bubushushu bodwa emzini,
2 Lupholile usana londile.
3 Ziinkxwaleko zodwa endlwini,
4 Luzolile usana lujongile.
5 Yincwina yodwa egumbini,
6 Luncumile usana lubukele.

7 Ulilela ntoni wakufika?
8 Akulili wena uyathetha,
9 Akugxwali wena uyazixela,
10 Ubomi kaloku sisandi,
11 Ubomi kaloku ngumzamo,
12 Yiloo nto usana luhlabela

13 Olo ncumo lumpuluswa,
14 Sibane sobomi bumbi,
15 Ezo nyembezi zehlayo,
16 Mfula wenzingo zempilo,
17 Oko kukhohlela ebusuku,
18 Sithonga sompu wotshaba.

19 Lusana lwethu uluvuyo,
20 Ntandane kowethu uluvalo.
21 Mbewu yekhaya uyabukwa,
22 Sithombo somzi uyoyikwa.
23 Sityalo uyimbiza yebhongo,
24 Siqhamo ukukutya okulumayo.

25 Ungumciki wothanda lothando,
26 Uluthanda lothando olucikiweyo.
27 Wena ulikhwezi lomsobomvu,
28 Wena ulilifu elilengalengayo.
29 Ukufika kwakho kuyimvula,
30 Ukumka kwakho kuyimbalela.

2.1 Nika iindlela eziMBINI oluvakalelwa ngazo usana ngokwesitanza soku-1. (2)

2.2 Chaza iindlela eziMBINI ngokwesitanza se-2 oluqinisekisa ngazo usana ukuba imiyalezo yalo iyafikelela kwiindlebe zabekhaya. (2)

2.3 Xela (a) isenzo sosana (b) nesikubonakalisayo ngemeko olukuyo usana ngokwesitanza se-3. (2)

2.4 Xhasa uluvo lokuba imbongi iyaluthanda usana ngokukwisitanza se-5. (2)

2.5 Nika ubungqina bokuba lo mbongo uyachaza ngokomxholo. (2)
[10]

Source: www.schoolhive.co.za

UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISIQITHI SEENTINI – TN Kabanyane

Ndulo sadalwa ngenjong' entle,
Njengendawo zonke saba likhaya,
Kwiintini zolwandle zaphumla khona.
Oonwele ziyephu-yephu ziphetshethwa ngumoya
Beza neenjongo eziphuthileyo eKoloni.
EzaseNtshon' izaphuselane zade zaphukaneka.

Zathi isiqithi silungel' abaneqhenqe,
Balahlwe khona de bawohlozeke,
Mva kwalandelisw' abalahlekwa ziingqondo,
Bazenzel' indumanga yab' esiqithini.
Baxulubane baxhwithane kudliw' ofileyo
Kungenjal' ongen'emanzini lilifa likakrebe.

Abath' abaphucukile, bambono zityedileyo,
Bahluth' umhlaba womXhosa emaXhoseni,
Akubuz' isizekabani wanyolwa ngomnwe.
Akuphindisa kwathiw' ulidela-mbuso,
Isigwebo sakhe wohlal' ubom esiQithini.
Ndithetha ngoMakana umfo wasemaXhoseni.

Kwathi kant'uMakan' uhlahl' indlela,
Wandulel' amaXhos' akowab' alandele.
Wawuvumisele na Makana kaNxele?
OoRholihlahla barhol' amahlahla balandela.
Sisiqith' esithen' esibulala calanye?
Abangeneleli, oovelevutha bakwamlebese.

Phantsi kwentab' eTafile phaya,
Iikhilomitha zingaba lishumi nantlanu,
Singqendevil' isiqithi sithe cwaka.
Abaphuli-mthetho woondlebe zikhany' ilanga,
Rhoqo basiw' esiqithini ngesikhitshana,
Kuloo manz' ayaluzela ngonaphakade.

3.1 Nika zibeMBINI iindidi zabantu ezalahlelwa kwisiqithi seentini ngokwesitanza se-2. (2)

3.2 Chaza izinto zibeMBINI ngokwesitanza se-2 ekuqinisekiswa ngazo ukuba abalahlelwe esiqithini abasenako ukuba bangabuyela kumakhaya abo. (2)

3.3 Xela nasiphi (a) isenzo amaXhosa awayebonakalisa ngaso ukungahambisani nokohluthwa komhlaba (b) nesiphumo saso ngokwesitanza se-3. (2)

3.4 Xhasa uluvo lokuba imbongi ayiyithandi indlela esisetyenziwa ngayo isiqithi seentini ngokwakwisitanza se-4. (2)

3.5 Nika ubungqina bokuba lo mbongo ngowopolitiko ngokomxholo. (2)
[10]

Source: www.schoolhive.co.za

UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IMFECANE – JJR Jolobe

Yindimbane yentsabo amadoda nosapho,
Iimbacu, amafaca, iinkomo sezathinjwa.
Ngasemva kusisisi, izixeko luvundu.
Kumkhondo wemfecane kusele amagquba.
Yinkungu engqondweni, limpampam ngaphambili.

Ngebagxagxamisayo, kwalandula unyanya.
Baxhaliseka futhi nazizingqi zotshaba.
Ajuculuzela dzu amaHlubi amahle,
AmaZizi noBhele ejokil' amaNgwane,
Isizwe semfecane kwelasempumalanga.

Yaba neenzim' indlela kufohlwa koozindada.
Bawela imisinga yamanz' anamagama.
Bahlafun' iintsizi isonka seenyembezi.
Bangathi bacekisa neemfunda zokumiwa,
Ngomhla wenkcithakalo yezizwe zelaseMbo.

Baphelelwa lutshongo bafunzela ngodaka;
Zajacek' izambatho banxib' ingca yasendle
Ukufihla ubuze ngomhla wobandezelo,
Babindeka becinga iindyebo zelaseNtla.
Akubangakho ngoma emlonyeni ngaloo mhla.

Ngamabona-ndenzile bethubeleza kwizizwe,
Basinda macebetshu kwiingozi zamarhamncwa,
Zancwina iimvekwana zizigulo zendlela,
Zalondolozwa noko bada bawel' uMbhashe,
Bangena kwaGcaleka kwimimandla kaPhalo.

4.1 Nika iindidi eziMBINI zabantu abangabafuduki ngokwesitanza soku-1. (2)

4.2 Chaza zibeMBINI izinto ezikwisitanza soku-1 ekwakubonakala ngazo ukuba iimbacu zazingasenako ukubuyela kumakhaya azo. (2)

4.3 Xela (a) ingxaki ezihlangene nayo iimbacu (b) nesisombululo ezisisebenzisileyo ngokwesitanza se-4. (2)

4.4 Xhasa uluvo lokuba imbongi ayikonwabelanga okwakusenzeka ngexesha leMfecane ngokolwimi elusebenzisa kwisitanza se-5. (2)

4.5 Nika ubungqina bokuba lo mbongo uyabalisa ngokomxholo. (2)
[10]

KUNYE

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

THANDA UHLANGA – Walter D Cingo

Ngumni na lo ungazi bantu?
Ongenanto nokufa kwabantu?
Ongenanto nokutsha kwelizwe?
Akenzi nto yakunced' isizwe.
Into ayiqondayo yintlutho,
Into eyiyo kuye yintselo.

Bath' abantu nguGcin' okwakhe.
Wafund' ukubandez' okwakhe;
Akade eve nesijwili
Sabalila ebuhlungwini;
Akasikwa naziinyembezi
Kwezo ntsizana zingaphezi.

Lo mntu ungaxhuzulekiyo;
Osazela singabethiyo,
Othi kwisizwe sakowabo
Amele kude kumawabo.
Akancedi ngemfundo yakhe,
Akasizi ngemfuyo yakhe.

Umzi oNtsundu uyakhala;
Ngakwinkqubela uyasala.
Shiyani amawonga eziqu,
Ncamani ukonwaba kweziqu,
Luvuseni uhlanga lwenu,
Simeleni isizwe senu!

Iinkokeli zaso ziphi na?
Izilumko zethu ziphi na?
Amatshawe ethu aphi na?
Ukhangel' abanye nje, **nguwe!**
Lo mntu umbambezeleyo **nguwe!**
Amehlo esizwe la **akuwe!**

5.1 Khankanya zibeZIBINI izenzo ezichasene nokuthanda uhlanga ngokwesitanza soku-1. (2)

5.2 Caphula ibinzana elibonisa ukuba imbongi ithetha egameni labantu kwisitanza se-2. (1)

Source: www.schoolhive.co.za

5.3 Chaza injongo yokwakhiwa kwalo mbongo ngemiqolo e-6 kwisitanza ngasinye. (1)

5.4 Nika umongo wesitanza se-3. (2)

5.5 Xela ukuba isitanza se-4 sithi (a) masiyeke ntoni, (b) senze ntoni. (2)

5.6 Cacisa ifuthe lamagama abhalwe ngqindilili kwisitanza se-5. (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo okanye kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli). KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Ukunganyaniseki kulutshaba lwempumelelo. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguMfuneko kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

'Heyi, ndisuke ndaxakwa! Kodwa ukuba ungandinceda kuyo yonke le ngxovungxovu, bendiya kukuzama ngento eya kwenza ukuba uncume wedwa wakufika ebhankini,' watsho uThantaswa.
'Into engenza ukuba eli tyala liphelele emoyeni kukuba uMapheza lo afe. Ukufa kwakhe ke ndiya kuzama ukuzigqatsela ekubeni liphandwe ndim, ukuze yonke le nto izo kuhamba ngokulula.'
'Nokuba wenze ntoni na ngaye, ukuba nje mna andiyi kubanjwa ndivalelwe kwakube kulungile. Andazi nokuba ndikhwaze ndingekaphumi ehlathini na kodwa umnqweno wam ngowokuba eli tyala likhawuleze liphele ukuze thina sobabini sitshate,' watsho efixiza emnxebeni uThantaswa.
'Senditshilo ke ukuthi umqobo ngoku iza kuba nguMapheza.'
'Makafe naye loo Mapheza ukuba unayo indlela. **Inkawu idliwa ilila**, ngaphaya koko siya konwaba kudala.'

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

Walala uMfuneko izibilini zakhe ziphezulu. Wathi akucinga, wafumanisa ukuba ngenene nangenyaniso kunyembelekile, kufuneka amkhusele uThantaswa ukuze naye azokuxhamla kweliya lifa lemali ashiywe nalo. Njengoko ebesel'etshilo ukuba akuyi kubalula ukumkhusela ukuba uMapheza usadla amazimba, ucinge ngecebo lokumbulala. Kuthe qatha engqondweni yakhe u-*Inspecto*r Nqoza awayemazi ukuba uyinkubabulongwe yakhe kodwa alavela msinyane iqhinga lokumfaka kule ndibongo.
Wayengumfo onezigigaba kakade umthetho wakhe uMfuneko. Wayekuthanda kakhulu ukuphumelela ngezinto ezingekho mthethweni. Wayesithi xa athethayo yena akazi kulungisa umthetho owonakala kudala.

7.1 Xela 'le ngxovungxovu' afuna ukuncedwa kuyo uThantaswa ngokwesicatshulwa. (1)

7.2 Nika intsingiselo yamazwi kaThantaswa athi, '... bendiya kukuzama ngento eya kwenza ukuba uncume wedwa wakufika ebhankini.' (2)

7.3 Waphumelela uMfuneko ukuzigqatsela ukuphanda ityala likaMsindisi ngokwesithembiso sakhe kuThantaswa? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Caphula ubungqina bokuba uThantaswa uxolele ukuncama ubomi buka-Mapheza kunokuba angayifumani imali. (1)

7.5 Ingaba bade batshata uMfuneko noThantaswa? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.6 Chaza ngeengongoma eziMBINI ukuba ubengumqobo njani uMapheza kwiinjongo zobomi bukaThantaswa bokuthi gcobho kule noveli. (2)

7.7 Cacisa indlela esiyityhila ngayo imeko aza kuba kuyo uMapheza isaci esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

7.8 Xela udidi lokuzoba uMfuneko olukrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (3)

KUNYE

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

ISICATSHULWA B

'… ndiphantse ukuphulukana nenqatha selisemlonyeni,' watsho uThantaswa onwabile.
'Ngenene uphantse ukuqabuka sekophulwe. Yiyo le nto ndithe mnike laa mfo le mali ayifunayo,' waphosa elo uMfuneko.
'UMsindisi wayecinga ukuba ubhadlile kaloku xa engandabeli mna kwilifa lakhe. Loo nyana wakhe ke uya kuliva ngokunuka okwenyama yamagqirha,' watsho ejalile ebusweni ngoku uThantaswa. Wathu qhuzu qhuzu wahleka uMfuneko.
'Kaloku yena wayecinga ukuba uyakohlwaya, nento leyo eya kuvela kuwe isisothuso esikhulu mhla yena wabhubha,' watsho uMfuneko.
'Ndithandaza uThixo ophilayo mna kuba naku endithobele umsindisi olungileyo, ezo kundivusa, ngabula yena.'
'Kuza kufuneka ke ngoku sithandwa sam, ukhawulezise uhlawule imali yalaa mfo engekatshintshi ngqondo,' wacebisa ngelo uMfuneko.
'Yinyaniso leyo Mfuno, ukuze ndiyidle kakuhle imali yam ngaphandle kwezikhubekiso namaxhala.'
'Ngaphandle kwexhala njani kaloku Thanti, kukho laa Mapheza uzenza iphela emasini nje? Ukuba ndimphosile lo mfo kulo umngcwabo wakwaTyhalithemba, inene uyakuba unamawabo, ndiyakuxelela,' wafunga watsho uMfuneko.
'Kanene kusekho le nto yalo Mapheza uzenza ipolisa elinengqondo yedwa kwesiya sikhululo senu!' watsho esinekile uThantaswa.
'Naso ke isidina somntu ofanelwe yibhokisi emnyama,' watsho uMfuneko embi ebusweni.
'Uza kwenza njani ngalo malingatshoni wakho?' wabuza ngomdla uThantaswa.
'Ikhona imfene yam,' uNqoza.

7.9 Chaza inqatha elisemlonyeni athetha ngalo uThantaswa kwisicatshulwa. (2)

7.10 Kukuthini ukuqabuka sekophulwe ngokwamazwi kaMfuneko akwisicatshulwa? (2)

7.11 Ucinga ukuba wayebhadlile uMsindisi ngokungamabeli uThantaswa kwilifa lakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.12 Ngokwebali nika zibeZIBINI izohlwayo awazifumanayo uThantaswa ngezenzo ezibi azenze kule noveli. (2)

7.13 Tyhila isikweko esithi, 'Ikhona imfene yam, uNqoza' ngokwenza kukaNqoza noMfuneko kule noveli. (2)
[25]

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Ukunyaniseka kunkcenkceshela impumelelo. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguThole kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C

'Ndiya kusuka ndiye kubawo, ndithi kuye, Bawo, ndonile kuwo amazulu nasemehlweni akho. Andisafanele kubizwa ngonyana wakho; ndenze ndibe **njengomnye kubaqeshwa bakho**.'
ULuka 15; 8–19.
Athi ukungena kwawo la amazwi kuye abinza ngokwekrele, wabonakala engqunga phambi komnyango wecawa okwenkomo ibethwe eluphondweni. Wathi kuba wayelazi ibali ekwakufundwa ngalo ngumshumayeli lonyana wolahleko wakhathazeka, wanomfanekiso kaFikizolo ekhathazekile mhla washiya iGcuwa esiya eRhawutini. Wakhumbula umfanekiso awawubona eGoli eGood Hope Cinema, '*No love, no nothing till my baby comes home,'* wacinga isikhalo saloo ntokazi yayikhala ngenxa yokulahleka komntwana wayo. Uthe esazula njalo phambi komnyango engazazi ukuba wenzani na weva ngomgcini-mnyango emkrweca emxelela ukuba kuvuliwe angangena, wothuka wanga ngumntu ovuka ebuthongweni ebephupha wangena. Ukungena kwakhe kwakumiwe ngeenyawo kuvunywa iculo elitshayelela intshumayelo. Bathe bakuhlala phantsi abantu wayiqalisa intshumayelo yakhe umshumayeli, yonyana wolahleko, elichaza ibali laloo mfana elisusa mhla washiya ikhaya abazali bekhathazekile esiya kwantliziyo ndise eliphetha ngokubuya kwakhe esamkelwa nguyise elila. Ukuba umntu kaThixo wayesazi ukuba intshumayelo yakhe imenzakalisa kanjani na omnye wabaphula-phuli ababekho kuloo cawa ngaloo mini, ndifuna ukuthi ngewayengazanga ashumayele ngohlobo awashumayela ngalo ngaloo mini, wayeya kusuka abe nosizi.
Uthe engakalwenzi ufefe umshumayeli wabiza indodana ukuba izokungqina. Kwangoko kwaphakama gagwana lithile lomfana ngengonyana ethi,

Goduka ubhek'ekhaya
Thengisa ngemfuyo yakho.

Amazwi ke lawo amhlaba uThole anga abhekiswa kuye. Waphuma ecaweni ngaloo mini enzakele …

9.1 Xela umxholo wentshumayelo owavuselela isazela sikaThole ngokwesicatshulwa. (1)

Source: www.schoolhive.co.za

9.2 Nika intsingiselo yamazwi omshumayeli athi, 'Ndiya kusuka ndiye kubawo' ngokomxholwana wokulahleka kukaThole.' (2)

9.3 Waphumelela uMangaliso ukuzalisekisa isithembiso sokulandela ubizo? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.4 Nika ubungqina bokuba uMangaliso uxolele ukuncama ubuxhwele kunokuba angagoduki. (1)

9.5 Ingaba bade batshata uMangaliso noThozama? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.6 Chaza ngeengongoma eziMBINI ukuba ubengumqobo njani uThemba noSonwabo kwiinjongo zikaThole zobomi kule noveli. (2)

9.7 Cacisa indlela isifaniso esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa esiyityhila ngayo into aza kuba yiyo uThole. (2)

9.8 Xela udidi lokuzoba uThole olukrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (3)

KUNYE

ISICATSHULWA D

Ithe yakumfikela le nkumbulo wanga angaphakama *ayokuzinikela* kodwa kwabuya kwala, wafikelwa ziingcinga ezininzi yankulu intlanganiso engena engqondweni yakhe. Enye yeengcinga ezamthintelayo ukuba angaphakami yaba yeyokuba le nto ubufundisi asinto ifuna ukuba umntu avele ayihle nje phezulu, kufuneka umntu abe ubiziwe kuqala. Njengamntu wayeneliso elibukhali ekuziqapheleni izinto wayelubonile uninzi lwabefundisi lungquleka lusiwa bambi besenza izinto ezimasikizi bengabefundisi, oko kukuthi amagama akumthandazo weNkosi athi, 'Maliphathwe ngobungcwele igama lakho,' ayengaphumeleli kuninzi lwabefundisi awayebabonile uMangaliso. 'Kungani na oku?' Lo ngumbuzo abesakuzibuza wona xa esiva, ebona abefundisi abangaziphethe kakuhle.
'Kungenxa yokugagamela ubufundisi lungekho ubizo,' ibisakutsho impendulo yakhe. 'Luyintoni na ubizo olu? Ubizwa njani na umntu? Ingaba uThixo usuka eze ngeenyawo na emhlabeni ukuza kwenyula umntu emnyulela umsebenzi waKhe okanye ahlokome ngelizwi elikhulu athi Bani ndiyakubiza?' wazibuza le mibuzo, kwangoko yamfikela impendulo. 'UThixo uthuma izicaka zaKhe ukubiza umntu. Hleze kuthi kanti ngokudukisa kwam ndibambe izicaka zikaThixo ezininzi ezifuna ukuya *kuzinikela*.' Yabalasela le ngcinga engqondweni yakhe kuba wayesazi ukuba uninzi lwabafundi lukholelwa kakhulu kwinto ayenzayo, ngakumbi kwizinto ezinxulumene nenkonzo.
'Luyintoni na ubizo olu? Ingaba aba bafundi baseKapa babebangwe yintoni ukuba bandicengele ukuba ndingenele ubufundisi?'

9.9 Chaza le nkumbulo imfikelayo uThole ngokwesi sicatshulwa. (2)

9.10 Kukuthini ukuzinikela ekuthethwa ngako kwesi sicatshulwa? (2)

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

9.11 Ucinga ukuba uMangaliso angaba kanti wayebambe izicaka zikaThixo ezininzi ezifuna ukusabela ubizo ngokudukisa kwakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.12 Ngokwebali nika zibeZIBINI izohlwayo awazifumanayo uThole ngokulibazisa ukulandela ubizo. (2)

9.13 Tyhila umbuzo buciko osuka kuMangaliso othi, 'Luyintoni na ubizo?' ngokwehlele abanye abefundisi kule noveli. (2)
[25]

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Ukunyaniseka kunkcenkceshela impumelelo. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguMfazwe kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

'Andikholwa ukuba wonke umntu ucinga ngolo hlobo. Hamba mfondini uye entlanganisweni.' Akugqiba wee gwiqi, wayokutshona ngasebuhlanti. Ndishiyeke ndicinga nzulu, ndiyiphethu-phethula into yokuya entlanganisweni. Asikuko nokuba ndandisoyikela ukubeka ubomi bam esichengeni koko ndandinetshiki exube nokungenwa yintiyo.
Ndandifuna ukuzinxwema kubantu ekwakubonakala ukuba abawahlonelanga amalungelo abanye, abantu abalawulwa ziintliziyo ingekuko okwengqondo. Enye into ndandinganqweneli ukuphinda ndibone ubuso bukaFriday noNokuzola. Babefana nomgqwaliso kum. Yayikho nendawo yekratshi lobufana. Ukushiywa ngumkhuthuka onguFriday kuNokuzola kwakungemnandi. Zizakuthini ezinye iintombi nabanye abafana endiqinisekileyo ukuba bayaqikileka kungoku nje? Kaloku lisiko labatsha ukuhlekana, ndandiyazi loo nto. Laqina ilanga leCawa.
Kwakungekho nto ingako ithethekayo phakathi kwabazali bam nam. Indlela umalume awayebabongoza ngayo **ukuba bakhe baphumle**, yandirhanisa ukuba ubabonile ukuba isehlo sokutshiselwa indlu siphantse ukubabulala. Nasemthandazweni yayingashiywa indawo yokuba maze iNkosi ibancede bangagwebi baqalekise, mababeke ithemba labo kuYe. Ndandiweva nje la mazwi ecengcelezwa mihla le engandishukumisi nakancinci. Njengokuba umama wayedla ngokuthandaza ade alile ecela ukuxolelwa izono ukuba kungenxa yazo ukuze kube yiloo meko, ndandidla ngokuyibongoza mna iNkosi ukuba ezo nyembezana bendinazo izisuse kunye namadlala azo, indifake esimnyama isibindi, ndingaze ndiloyike utshaba ...

11.1 Xela intlanganiso atyhalelwa kuyo uMfazwe ngokwesicatshulwa. (1)

11.2 Nika intsingiselo yamazwi kaMfazwe athi, '... ndandisoyikela ukubeka ubomi bam esichengeni.' (2)

11.3 Waphumelela uMfazwe ukuzinxwema kubantu ababonakala bengawahloniphi amalungelo abanye abantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Caphula ubungqina bokuba uMfazwe uxolele ukubuncama ubuhlobo bakhe noNokuzola kunokuba azisondeze kuFriday. (1)

Source: www.schoolhive.co.za

11.5 Ingaba bathe kanti bayathandana uNokuzola noFriday? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.6 Chaza ngeengongoma eziMBINI ukuba ubangumqobo njani uFriday kubomi bukaMfazwe kule noveli. (2)

11.7 Cacisa indlela ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa eliyityhila ngayo imeko abaza kuba kuyo abazali bakaMfazwe. (2)

11.8 Xela udidi lokuzoba uFriday olukrwelelwe umgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (3)

KUNYE

ISICATSHULWA F

Ndithathe umcwana womqwayito wenyamakazi, ndalusonga ufele ndalubuyisela kwaphantsi kombhinqo, ndehla ndingangxamanga emthini sendimana ukulumaluma umqwayito. Kuthe qatha engqondweni ukuba loo ntsasa yayilusuku lwesine, ndiphala esithubeni ndingekazi ukuba ndiya kufika nini apho ndiyayo. Inokuba kumaxa kwenzeka ntoni emva ekhaya? Ndandingafuni ukuyibuyisela umva ingqondo yam kuba ngokwenjenjalo ndandiza kulibala ukucinga ngendawo endiya kuyo.
Ndizixelele ukuba liya kuthi lakufika ithuba, ndiyijije ndiyibuyisele umva ingqondo, khe ndizikhumbuze ngendikulibeleyo. Afika ngelo xesha kanye la mazwi omzingeli, 'elona dabi leli ulibalekayo,' ayitsho ingqondo yam yahexa. Eneneni ke wayenyanisile umzingeli. Idabi endandilazi leliya lokugibisela amatye ezitratweni, idabi ekwakufanele ukuba ndiyalilwa lelam noFriday, lelam noNokuzola.
Ndifane ndathoba isazela ngelithi apho ndiyayo ndiyokuzixhobisa ukwenzela ukuba amadatyana ooFriday ndiwathi qhwi nje ngephanyazo. Ndiyokuzixhobisa ngantoni? Andazi.
Iingqatha zeenyamakazi engceni zidize ukuthi loo ndawo ndandihamba kuyo uninzi lwabaniniyo ziimpunzi, amatshabanqa, amanxala namaza nezinye ke ezincinane kunazo. Okuyimivundla kona kwakumana kuvumbuluka kuthi qakatha qakatha, kuthi xhwenene, ntaru, ntaru ntaru, phinzi pheselele, kuphele emehlweni. Ndandiwuva umzimba undisinda, usakhalazela ukudungudeliswa nokudutywa kwangezolo. Ndazirhuqa iinyawo ukuhla isihlanjana, ndijongise amabombo kulaa ndawo itshele kuyo iveni. Ndandisamana ndifuna engqondweni ukuba kwenzeke ntoni na, ndimana ukuphazanyiswa kwezi ngcinga...

11.9 Chaza uncedo lomqwayito awayewugcina kufele oluphantsi kombhinqo uMfazwe kwisicatshulwa. (2)

11.10 Kukuthini ukuzixhobisa ngokomxholo wokulwela amalungelo kule noveli? (2)

11.11 Ucinga ukuba likho idabi abefanele ukulilwa uMfazwe noNokuzola?
Xhasa impendulo yakho. (2)

11.12 Ngokwebali yintoni eyayinokubangela ukuba iingcinga zemeko ayishiya ngemva zimngcungcuthekise uMfazwe? (2)

11.13 Tyhila indelelo equlethwe ligama 'amadatyana' malunga nedabi alilwayo uMfazwe kule noveli. (2)
[25]

Source: www.schoolhive.co.za

UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ukunganyaniseki okanye ukunyaniseka kungayitshabalalisa okanye kuyiphumelelise imizamo yomlinganiswa.

Xhasa olu luvo ngomlinganiswa uDyakalashe wentsomi ethi, 'Imfene noDyakalashe' noNolizwe okwisibongo esithi, 'Ukumkanikazi uNolizwe Sandile'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G

Ithi imbali kwathi kwakumka uMfundisi uNyengane kumhlaba wamaXhosa kwavela uNxele kwilali yaseMgwangqa kumhlaba kakumkani uNdlambe nowafika esithi uhambisa obekuthethwa nguNyengane, phofu bekho ababeyithandabuza loo ntetho yakhe. Ubedla ngokuthi xa efundisa abantu uNxele, athi iinkosi zimbini zaye zihlala emanzini. Kwezi nkosi enye yazo yayinguTayi ngeli xesha enye inguDalidephu. Ubebethelela ukuba abantu bakwaNdlambe xa bewela umlambo banqule ngokubulisa besithi, A! Tayi! A! Dalidephu! Lo yangummiselo awubekela abalandeli bakhe. Ebenemiqathango ayibekela uluntu lwakhe umfo kaGwala lo esithi abantu mabayeke ukuthakatha, balahle ubuthi, bayeke ukukrexeza. Ingulowo nalowo makabule echaza konke okubi nokuyinkohlakalo awakha wakwenza amadoda nabafazi babula, ngokulandela lo myalelo. UNxele, uMCwerha uthe akubona ukuba uyalandelwa kwiintshumayelo zakhe wavela nesithembiso esitsha sokuba ababhubhayo baya kuvuka bonke ekufeni bephuma kulwandle lwakwaGompo. Kodwa wona amaNgqika aya kuba ziinkuni, iimbovane, amawa kuba asoloko enezandla ezixhaphe igazi.
AmaRharhabe avakala esithi kungokuba kutheni na le nto ezi zinto zithethwe ngulo kaGwala engokabani na kakade yena? Ingaba aphi na amaphakathi akwaNdlambe angamaJwarha, amaCirha kunye namaNtakwenda. Alikhuphe lapoqa amaRharhabe ukuba uNxele makade avunywe ukuze kucace eyona nto aza kuba yiyo. Ngokwenene wavunywa ngamawabo wasiwa ecamagwini ngeenkomo ezimdaka, ezilubhelu, nezimnyama kodwa zabe isininzi sazo izezimdaka kunye nezilubhelu. AmaNgqika namaGcaleka awuzimasa lo mcimbi ngelokoyika ukujika abe ziinkuni, iimbovane namawa. Kananjalo ayesoyika ukumka noqhwithela lomoya njengoko wayethethile uNxele esithi basisizwe esiya kuba lixhoba loqhwithela. Ahamba enqula, ekhahlela kuyo yonke imilanjana ekhala ngo 'A! Tayi. A! Dalidephu!' bephatha kubonga besithi:
UQweqwedu phezulu, umkhonto awungeni.
Iqutu likaTayi,
Inkonjan'emnyama edlala emafini;

Source: www.schoolhive.co.za

Iqutu elimgxade.
Uthe ofuna ikhubalo wabalekela khona ukuze naxa kududuma izulu anqule enjenje,
'Ta zulu likaTayi!' Oku ebekutsho kuba eligxotha. Abantu babeqhele ukuva kusithiwa uNxele lo yinto kaBhalala, umNgwevu, kanti akunjalo, uyinto kaGwala waseMaCwerheni. KwaBhalala waya engumfana elandela unina kunye noodadewaba nomkhuluwa wakhe uMagolo. Ngelo xesha uyise ebesele ebhubhile, wasele ehlala kwaNtentema emaMbalwini. Elona gama lakhe wayesaziwa ngalo ngamaRharhabe lelokuba nguMakhanda, koko kwaduma elobucamagu bakhe, elokuba nguNxele. Wabanjwa ngamaNgesi, xa eyokungenela iRhini nemidushane, wawezwa wasiwa esiQithini saseRobben Island. Wafela esiqithini ngomhla wama-25 kwinyanga kaDisemba ngomnyaka we-1819 phofu kungekho nesinye isiprofetho sakhe esiye sazaliseka. Yiyo le nto kukho isaci, **'Ukuza kukaNxele'**. Oku kuthetha ukuba nayiphi na into elindelweyo ize ingazaliseki kuthiwa kukuza kukaNxele.

13.1 Xela ukuba ingantoni imbali kaNxele. (2)

13.2 Nika umsebenzi wesikhahlelo uA! Tayi! A! Dalidephu! kwesi sicatshulwa. (1)

13.3 Waphumelela uNxele ukulukuhla abalandeli bakhe ukuba banqule njengaye? Xhasa mpendulo yakho. (2)

13.4 Caphula ubungqina bokuba lo kaNxele ebelitshantliziyo lezopolitiko. (1)

13.5 Xela indlela akubonakalisa ngayo amaRharhabe ukuba uNxele wamkelekile. (2)

13.6 Chaza ngeengongoma eziMBINI umoya owawutyalwa ngulo kaNxele kwizizwe zamaNgqika namaRharhabe. (2)

13.7 Cacisa indlela esele sisetyenziswa ngayo isaci esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ukuchaza imeko. (3)

13.8 Chaza izimvo ezahlukileyo anazo amaRharhabe ngoNxele. (2)

KUNYE

Source: www.schoolhive.co.za

ISICATSHULWA H

USILIMELA! – INYANGA YOKUBALA IMINYAKA YOBUDODA

1 A! Silimela!
2 **AmaNdlamb' amatsha!**
3 **Hay' amaNdlamb' amatsha!**
4 **Hay' amaNdlamb' amatsha**!
5 Inkos' am, ngumntakaNdluzodaka,
6 Yindod' ezalwa ngabantwana ababini:
7 Izalwa nguMakinana noNopasi.
8 UNopasi yintombi kaMon'umhlophe kaNtshunqe,
9 Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana.
10 NguLuhad' igama lakhe,
11 Umbambo zemka zabuyelela:
12 Ngaphantsi kwelitye kuyoyikeka'
13 Kuba zilaph'iinzwana namadikazi.

14 Kulapho yaqala khon' ukugagana.
15 Yatshay' impampile yasemLungwini;
16 Yatshay'impampile yasemaXhoseni.
17 Yaw' imikhuthuka amacal' omabini
18 Yarhox' ekaNtsasana yasinga kwaseQumrha.
19 Wee tyu uNdluzodaka
20 Waya kutsho kuNdada kooVece kuXesimagqagala.

13.9 Chaza iSilimela ngokwesi sibongo. (2)

13.10 Xela isixhobo sesandi esikumqolo we-8 nowe-9. (2)

13.11 Nika isizwe esabelwa iSilimela nesizathu sokwabelwa kwaso le nkwenkwezi. (2)

13.12 Khankanya zibeMBINI iimpawu zesibongo ezibonakala kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

13.13 Caphula kwisitanza se-2 umqolo onika uluvo lokuba kwakuqubisene amacala amabini. (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

ICANDELO C: IDRAMA

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo we-14 ukuya kumbuzo we-17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Umntu ofunda le drama angaziva eneqhayiya okanye eneentloni kukwayanyaniswa nomlinganiswa othile. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguZwilakhe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA I

UGUGULETHU:	Ke? (*Utsho emphosela ileta*)	
UMZAMO:	Ikufakile *Chief*? (*Egqiba kuyifunda*)	
UGUGULETHU:	Naw' utsho.	
UMZAMO:	Bamb' apha Sonny. (*Emxhawula*) Ndandikuxelele, yayidibene namaxhwangusha kakade, yayingenakho ukuqhawula.	5
UGUGULETHU:	Uyazi ke ntanga ifike nini loo leta?	
UMZAMO:	Andazi mfo, khawutsho?	
UGUGULETHU:	Buza ke ukuba ifike nini na? Bekuthethwa ntoni na?	
UMZAMO:	Yitsho ndive.	
UGUGULETHU:	Ifike sisendlwini enkulu ntanga, xa kanye ixhego lam lindigolozelayo ngendaba yokuba kufuneka ndifune umfazi.	10
UMZAMO:	Uthini na ntangam? Ke wena wathini kuloo ndawo?	
UGUGULETHU:	Ndathini kwaphi? Akukho kuthini, ndivumile.	

Source: www.schoolhive.co.za

UMZAMO:	Wavuma msinya mfondini, sewubonile umfazi kwaba bafazi banqabe kangaka?	15
UGUGULETHU:	Uthetha ukuthini xa uthi banqabile, utsho umfazi ezele waphul' uluthi?	
UMZAMO:	Nditsho kuba kaloku ntangam ukuthatha umntu ujonge ukuba nihlalisane nide ningcwabane yenye inkalo leyo, ayifani nendlalo nje. Loo nto ifuna ukuba uhlabe ukhangele, ungafane uhleli nje kanti akuwabazanga amehlo Xa ukuloo mmango wokuzisa umntu ekhaya kufuneka ubhekise ezantsi ukucinga, ungarhwalazi ndoda, asindlwan' iyanetha leyo, ngumcimbi kasikisi. Musa ukuwenza lula, awululula njengokuba uwucinga, ingakumbi kula maxesha, kuba iintombi zale mihla zizele yinkohliso mfo kaZilindile. Lwaphela uthando lokwenyani, ayisekho intombi entliziyo nye, iintombi zale mihla zintliziyo mbini.	20 25
UGUGULETHU:	Xa kulapho ke ntanga zethu ndikuva kakuhle, intetho yakho ayifanele kutyeshelwa nakancinane. Kaloku Nokhala le nto ingumntu iboniswa ngabanye; intetho ethi akukho qili linokuzikhotha umhlana ayixoki.	30

15.1 Xela ukuba iqulethe ntoni ileta ephoselwa uMzamo kwesi sicatshulwa. (1)

15.2 Nika uphawu oluNYE (a) abafana ngalo, (b) abohluke ngalo uGugulethu noZwilakhe. (2)

15.3 Ngqina ngezenzo zikaMzamo ukuba ungumhlobo wenene kuGugulethu. (2)

15.4 Chaza ngeengongoma eziNTATHU ifuthe leleta evela kuNomaMpondomise kubudlelwane bukaGugulethu nabazali bakhe. (3)

15.5 Chaza indlela ukwahlulelana kwamaxesha okuyidale ngayo impixano phakathi kwabadala nolutsha kule drama. (2)

15.6 Nika zibeziBINI izehlo ezingqina ukuba lo mdlalo uyintlekele. (2)

KUNYE

Source: www.schoolhive.co.za

Source: www.schoolhive.co.za

ISICATSHULWA J

UMTHETHO:	Mfana wam Gugulethu ndiyakucela mfo wam uze uncede undiphulaphule Rhadebe phantsi kwayo nayiphi na imeko ekukuyo. Mfana wam, kwanele konke okwenzekileyo ngenxa kayihlo. Uyandiva? Ndithi ngenxa kayihlo, kuba konke okwenzekileyo kwiminyaka edlulileyo kungenxa yeenkani zakhe Ngenxa yeenkani zakhe kulahleke imiphefumlo emininzi engenatyala. Kodwa ke! Kodwa ke Hlubi noko ngoku ngathi kwanele. Makungaphindi kwenzeke limbi isikizi. Iintliziyo zethu ziligazi nguwe Gugulethu mntanam, ngoko zama ukuba sixole, nguwe wedwa onokusixolisa, nguwe wedwa onokuwanqanda la masikizi, akakho omnye. <u>Ngoko ke ndithi nganda, nganda Hlubi makungaphindi kuhle sikizi</u>. Masimdanise uSathana mfana wam, udlalisile ngathi ngokwaneleyo, masingabuyi simvumele aphinde, kwanele konke akwenzileyo, vuma sibuyele ekhaya siye kuthetha.	5 10
UGUGULETHU:	Uthini na bawokazi? Uthi makungaphindi kwenzeke sikizi? Uthi kulahleke imiphefumlo emininzi engenatyala?	15
UMTHETHO:	Nditsho nyana, nditsho Rhadebe.	
UGUGULETHU:	Uthini ukuthi makungaphindi kuhle isikizi ibe wena usitsho usithi kulahleke imiphefumlo emininzi engenatyala? Ucinga ntoni ngale ihleliyo inetyala? Kutheni ngathi awuqondi nje bawokazi? **Lisaduduma alikadluli isesisiqabu nje esi usibonayo, ukubuya kwalo ngoku liza kwenza izaqunge ndifung' aMaHlubi.**	20
UNYANISO:	Ukuba kuya kude kuthini ke?	
UGUGULETHU:	Ukuba *kuye kude kwenzeke le nto kufuneka yenzekile*.	
UNYANISO:	Yiyiphi le nto kufuneka yenzekile?	25
UGUGULETHU	Buzani kubawo.	

15.7 Xela imiphefumlo emiBINI esele ilahlekile ngokwala mazwi kaMthetho akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

15.8 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaThobeka sokungayimeli into ayifunayo. (2)

15.9 Chaza intsingiselo yamazwi kaGugulethu abhalwe ngqindilili ngokwenzeka emva kwale ncoko yakhe noMthetho. (2)

15.10 Xela ukuba kwathi kanti yintoni le 'kufuneka yenzekile' ngokwamagama abhalwe bukekela kwisicatshulwa. (2)

15.11 Cacisa uSathana abhekiselele kuye uMthetho kwesi sicatshulwa ngokwalo mdlalo. (2)

15.12 Phonononga isigwebo esiwiswe kuGugulethu ngetyala lokubulala uThobeka nabantwana uze unike isizathu esivakalayo sokuxhasa uluvo lwakho. (3)
[25]

Source: www.schoolhive.co.za

UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Umntu ofunda le drama angaziva eneqhayiya okanye eneentloni kukwayanyaniswa nomlinganiswa othile. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguSiqhiwu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA K

MAMQHINEBE:	Kanti ke uze uncede ungazilibali izinto zam; Imingqusho yam, iimili-mili zam, iiti zam; zonke wethu izinto zam. Andinakuzigqiba ukuzibala.	
MAGATYENI:	Yhini ukude undiphoxe ngolu hlobo ngathi andingomhlobo wakho ophambili?	5
MAMQHINEBE:	Tyhini uyazi ukuba andizange ndibe sabuza nokuba laa mshumayeli wenu wayekuhambele ngantoni?	
MAGATYENI:	Wayeze kundomeleza ngomthandazo nje wethu mfazi.	
MAMQHINEBE:	Emva kwalo mthandazo ke ayikho enye into ngaphandle kokuzalisa elaa tanki lakhe lesisu ngeti.	10
MAGATYENI:	Hayi MamQhinebe, musa ukuthetha ngolo hlobo ngomntu weNkosi.	
MAMQHINEBE:	Enjalo nje akakhathali nokuba uyithathe phi na loo swekile yokwenza loo ti.	
MAGATYENI:	Masiziyeke ezi ndaba zingoMshumayeli MamQhinebe, ziyandikhathaza.	15
MAMQHINEBE:	Ndikunyathele ekonsini na ngoMshumayeli wakho, uMagqudwana?	
MAGATYENI:	Kaloku Qhinebe singoomama bebhatyi, intlebendwane nebhatyi zizinto ezimbini ezingadibaniyo ke ezo.	
MAMQHINEBE:	Ingathi silamba nezo bhatyana zomanyano nje phofu?	20
MAGATYENI:	Sasithenjiswe ngobutyebi basemhlabeni na mhla sanxitywa ezi bhatyi?	
MAMQHINEBE:	Hay' uyabhuda ke ngoku.	
MAGATYENI:	Masibambelele ethembeni mfazi. Sisaya kuvuzwa ngenye imini, ndiyakuxelela. Masithandaze mfazi.	25
MAMQHINEBE:	Sakukhuthuka amadolo sithandaza.	
MAGATYENI:	Ukholo lwakho luye phi na MaQhinebe?	
MAMQHINEBE:	Ndiyaguga ngoku, oko ndathandaza, kodwa andide ndibone nto.	
MAGATYENI:	Ndakuhlala ndikuthandazela Qhinebe, yonke imihla ukususela namhlanje de ukholo lwakho lubuyele kuwe.	30
MAMQHINEBE:	Kanti ke Gatyeni ingathi ngowungazihluphi ngomntu ongasafuni kuthandazelwa.	
MAGATYENI:	Awu watsho Qhinebe? Selukuphelele olo hlobo na ukholo mfazi?	

17.1 Xela ukuba umshumayeli wayemhambele ngantoni uMaGatyeni. (1)

17.2 Nika uphawu lubeluNYE (a) abafana ngalo (b) nabohluke ngalo uMamQhinebe noMaGatyeni. (2)

17.3 Ngqina ngezenzo zikaMaGatyeni ukuba ungumhlobo wenene kuMamQhinebe. (2)

17.4 Chaza izinto eziNTATHU ezibangele ukuba uMamQhinebe amthembe uDlezinye. (3)

17.5 Xela indlela indlala eyidale ngayo impixano phakathi kwabadala nabancinane kule drama. (2)

17.6 Nika zibeziBINI izehlo ezingqina ukuba lo mdlalo uyintlekele-siyoliso. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA L

MAMQHINEBE:	MaGatyeni, uyandijoyina kule nto okanye akundijoyini? Ndifuna uhayi no-ewe qha.	
MAGATYENI:	E ... e ... e ... Hayi … ewe, ngendiba ndiyavuma Qhinebe, kodwa intliziyo yam yona iyarhuqeka.	
MAMQHINEBE	Kungcono xa irhuqeka isiya.	5
MAGATYENI:	Hayi iyarhuqeka yona kakuhle, andifuni kuxoka, iyarhuqeka.	
MAMQHINEBE:	Kodwa ke kufuneka uqaphele ukuba kufuneka isibindi kulo msebenzi.	
MAGATYENI:	Yile nto ndiyisweleyo kanye ke leyo mna Qhinebe eso sibindi uthetha ngaso.	10
MAMQHINEBE:	Imali kaloku Gatyeni, ayiyoyamabhetye-bhetye, Uyandiphulaphula kodwa Gatyeni?	
MAGATYENI:	Ngendiba ndiyakuva kona Qhinebe, kodwa ke ...	
MAMQHINEBE:	Kuza kufuneka siqalise ngomso lo usayo ke, singabi saphozisa maseko.	15
MAGATYENI:	O! Sekuqalwa kwangomso na?	
MAMQHINEBE:	Sekuqalwa kwangomso ntomb' enkulu. Ndisemkile. *(Aphume uMamQhinebe.)*	
MAGATYENI:	*(Ethetha yedwa)* Kwowu! Kazi ukuba isingisa phi na le ndlela andiqweqwedisela kuyo lo mfazi Bawo onamandla onke? Uze undikhumbule Bawo xa ndiza kuhamba indlela endingazanga ndayiphupha nokuyiphupha aph' ebomini bam. Namhlanje ndiyalingwa Bawo. Usathana uze ehamba ngeenyawo zombini endlwini yam, wandiqweqwedisela kwantshabalalo, nam ndamvumela. Kodwa, kodwa Nkos' enofefe ndithembe amandla akho. Ndiyazi ukuba kungamandla akho endiya kuthi ndizibone ndiphuncukile kulo mgibe kamtyholi. *(Afixize)* Bawo ndihlangule. Wena wabakho zingekabikho iinduli neentaba. Awuxakwa nto wena gxalaba libanzi lokuthwala izono zehlabathi. Ndihlangule nkosi naku ndisoyela kulo mhadi ubunzulu bungenakuqikeleleka. Ndihlangule ndiyoyela kulo <u>Mgxobhozo</u> ...	20 25 30

Source: www.schoolhive.co.za

17.7 Xela izinto eziMBINI azenzileyo uMaGatyeni akwenziwa abenesibindi. (2)

17.8 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaMaGatyeni sokungakwazi ukuthi hayi kuMamQhinebe. (2)

17.9 Chaza intsingiselo yomgxobhozo azibona ekuwo uMaGatyeni uthathela kokwenzeka emva kwale ncoko yakhe noMamQhinebe. (2)

17.10 Xela ukuba kwathi kanti 'isingisa phi le ndlela' yokuba iintsana ayixhaleleyo uMaGatyeni. (2)

17.11 Cacisa uSathana abhekiselele kuye uMaGatyeni kwesi sicatshulwa ngokwale drama. (2)

17.12 Phonononga isigwebo esiwiswe kuMamQhinebe noMaGatyeni ngetyala lokuba iintsana uze unike isizathu esivakalayo sokuxhasa uluvo lwakho. (3)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

Source: www.schoolhive.co.za